**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE
INQANABA ELISEMGANGATHWENI
(Iphepha Lesibini)**

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 75**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamaCandelo amathathu - A, B, C.
- KwiCandelo A mine imibuzo, uya kukhetha uphendule imibuzo ibe MIBINI kuphela.
- KwiCandelo B mibini imibuzo, uya kuphendula ube MNYE kuphela, omde okanye omfutshane.
- KwiCandelo C, nalapho kubuzwe imibuzo emibini, uya kukhetha ube MNYE kuphela, ukuba uphendule umbuzo omde kwicandelo B, uya kunyanzeleka uphendule omfutshane kweli icandelo.
- Umthamo wempendulo wokhokelwa ngamanqaku owanikiweyo.

---

## ICANDELO A

### UMBUZO 1

***Aweselwa 3*** **– Kwetana W.M. (Umqokeleli)**

Kule mibongo ilandelayo khetha uphendule ibe MIBINI kuphela.

### UMBUZO 1.1

Funda lo mbongo uze uphendule imibuzo elandelayo

**Umbongo A**

**Isiyobisi**

Ngumkhwa ombi obhexeshwa lubaxo;
Umkhuba weenkan' othethis' imbanxo.
Uqalwa kancinci kanti ngumlibe.
Uyoba ntlandlolo sikutsho ujube.
Iyolisa-mxhelo kub' iqalwa ngendlalo.
Ubong' abazal' abakuzisa kule ndalo.

Kumnandi kunjalo kuba siyakhuthaza.
Siyole luncuthu nangona sikhuthuza.
Asizi simahla sigrumb' engxoweni.
Siwutheze nomzi kunga kusenxiweni.
'Singaye akaboni bubi kuba seletyile.
Benjenjalw'emyezweni kanti bazityhilile.
Sisiyobisi eso ukhwekhwe ndikrwempe.

Butywala ke obo buza noyayatheko.
Ngundoqo womya odal' isiqhazolo –
Isif' esibangwa kukuthabatheka –
Sikutyhulubis' uhamb' ubetheka –
Kube lisikizi kwaneentsizana.
Kube linyumnyezi lenz' amamunyumenye.
Ngengoms' uyaxox' awazi nob' ibenye.

| | | |
| --- | --- | --- |
| 1.1.1 | Caphula izinto zibe mbini kwisitanza sokuqala ezibonakalisa ukuba umbhali uthetha ngesiyobisi | (2) |
| 1.1.2 | Umbhali uthetha ukuthini, xa esithi "asizi simahla sigrumb' engxoweni" | (2) |
| 1.1.3 | Chonga isafobe esisetyenziswe ngumbhali kwistanza sesibini kumgca wesine uze uxele ukuba loluphi na uhlobo lwesafobe.? | (1) |
| 1.1.4 | Ingaba zintoni izizathu ezibangela ukuba abantu bathande iziyobisi? (Naziphi na ezibini) | (2) |
| 1.1.5 | Sesiphi esona siyobisi sixatyiswe kakhulu luluntu? | (1) |
| 1.1.6 | Sihlonipho sini esisetyenziswe ngumbhali kwisitanza sesibini? | (1) |
| 1.1.7 | Ingaba isiyobisi silungile na eluntwini ngokwalo mhobe? | (½) |
| 1.1.8 | Ngobani aba basemyezweni ekuthethwa ngabo? | (2) |
| 1.1.9 | Chonga isivakalisi esibonakalisa into yokokuba le nto kuthethwa ngayo ayamkelekanga kwaphela. | (1) **[12½]** |

## UMBUZO 1.2

Funda lo mbongo ukuze uphendule imibuzo elandelayo.

**Umbongo B**

Wawuyimaz' ebhonxileyo,
Imvab' ezel' ingqaka.
Namhl' unefuthe lesingqala;
Ululwandle lweenyembezi.
Umgumthombo wentlupheko;
Bagweqwa obo buncwane.

Namhl' ulikhaya lezikhalo.
Namhl' unamasim' anamakhala –
Akasekh' onambith' ubusi.
Zabhangiswa kwaneenyosi.
Namhla sisijwili semvakalelo
Kwimithombo yeenyembezi.

Usizi ladlul' ulonwabo.
Indyebo yakhwelel' indlala.
Kuthiwani ngawe mzali,
Ukulumleka kwazwiimveku?
Ingab' ixesha selivuma?
Siyanqanda zam' ukuma.

| | | |
|---|---|---|
| 1.2.1 | Nika izikweko zibe zithathu ezifumaneka kumhlathi wokuqala ezithe zasetyenziswa ngumbhali. | (1½) |
| 1.2.2 | Kwakuwo lo mhlathi chonga izivakalisi ezibonakalisa ukuba izinto zithe zaguquka, azisafani nakuqala. | (2) |
| 1.2.3 | Chaza okuthethwa sisivakalisi esikrwelwe umgca ngaphantsi. | (1) |
| 1.2.4 | Nika isizathu sokokuba umbhali abone i-Afrika njengomzali wethu. | (2) |
| 1.2.5 | Izivakalisi ezibini zokuqala ungazinxulumanisa nantoni ngokwalo mhobe. | (1) |
| 1.2.6 | Ifumaneka phi ingqaka? | (1) |
| 1.2.7 | Imazi ebhonxileyo yenjani? | (2) |
| 1.2.8 | Sesiphi isafobe esifumaneka kumqolo we-12. | (1) |
| 1.2.9 | Sifumana siphi isafobe kwimiqolo 13 no 14? | (1) |
| | | **[12½]** |

## UMBUZO 1.3

Funda lo mbongo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**Umbongo C**

***KuSombawo Wethu, Igwiba Lenyaniso**

Wena Sombawo!
Wena Soninini!
Wena Sokulunga!
Wena Ntozonke!
Wena Solufefe!

Usibekelis' izulu ngamafu,
Unik' ihlabath' imvula,
Upholis' imimoy' eshushu,
Uminy' amalwandl' anzulu,
Wena Nyulushe!

Unyakamis' iinduli ngemvula,
Untshulisel' izil' utyani,
Uthumel' imithomb' emhlabeni –
Kudlamk' amarhamncw' ezintabeni,
Wena Songqongqoshe!

| | | |
|---|---|---|
| 1.3.1 | Chaza isingqisho esisetyenziswe ngumbhali kwisitanza sokuqala | (2) |
| 1.3.2 | Lithetha ukuthini igama elithi Nyulushe? | (2) |
| 1.3.3 | Yintoni efumaneka emithonjeni? | (1½) |
| 1.3.4 | Nika isifanokuthi segama elithi rhamncwa. | (2) |
| 1.3.5 | Nika amagama abe mabini abhekiselele kulo kuthethwa ngaye. | (2) |
| 1.3.6 | Uthetha ukuthini umqolo weshumi elinesibini? | (2) |
| 1.3.7 | Imvano-siqalo umbhali uyisebenzise kwesiphi isitanza? | (1) |
| | | **[12½]** |

**UMBUZO 1.4**

Funda lo mbongo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**Umbongo D**

**Ithemba**

Ziintambo zoxananazo zefuthe lovuyo.
Luxhalabo nok' imincil' iligubungele.
Bushushu bomzimba yolo lomphefumlo.
Mthombo woncumo gagu lomzuzwana.
Liyacima pam! Lifukuke fuku!

Kongazaliseki, lon' alicimi noko.
Sekungacac' into ukholo luhleli.
Wenjenjal' uHana wamhlamnene.
Wazingisa noko kungatsits' into.
Lenjenjal' igorha linyamele.

Masifund' ukuqin' ubomi yinkinge.
Qinani nonke, khanyisani zibane.
Su'ncama kuphele wosindiswa kamva.
Lenjenjal' ibhada likrobel' ingcwaba;
Ngawo loo mzuzu laphetshisw' apho.

1.4.1 Nika imisebenzi yethemba ibe mihlanu efumaneka kwesi sicatshulwa singentla. (5)

1.4.2 Chonga izifanekisozwi ezisetyenziswe ngumbhali (2)

1.4.3 Bonisa ukuba umbhali ungumKrestu. (3)

1.4.4 Umbhali usifundisa ntoni kulo mhobe? (2½)

**[12½]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [25]**

ICANDELO B

Phendula umbuzo ube MNYE kweli candelo. Omde okanye omfutshane.

**UMBUZO 2**

***Inzonzobila* – B.B. Mkonto**

2.1 Selby, kunini ndathi kuwe yahlukana nam: Akundazi ukuba ndatshata? Akuncami ngoba kutheni? Andithi wandenza umalahlwa nofele ndakukuxelela ngomonakalo wakho? Andithi ...

2.1.1 Khawusandlalele umongo kunye nesiphelo sale mibuzo ingentla. (25)

**OKANYE**

2.2 Funda ngocoselelo lo mhlathi ungezantsi, uze uphendule imibuzo elandelayo.

"Khawume Dlomo khe ndikulungise kule mpazamo uyenzayo: <u>Ilifa namalungelo akwaDlomo akananto yakwenza noBhongo</u>, akangoDlomo laa mntwana, isiko ngathi akulazi nguQadi lowa uphelele, wamkelwa kwaQadi mhla ndendela khona elolubomvu. UbuDlonyana baqhomfwa kwanguDlomo embilini. Elokugqibela ke nali, siyeke sizonwabele nomyeni wam owandichola enkunkumeni, wandivuthulula wandenza umntu, ngoko ke yihla uthi xibilili kuye (*Utsho wee gwiqi emshiya esankonye eso siselo*)

2.2.1 Ngubani lo uthetha la mazwi? (2)

2.2.2 Esi sithethi siwabhekisa kubani la mazwi? (2)

2.2.3 Aba babini bakweyiphi indawo ngeli xesha lokuthetha kwabo? (2)

2.2.4 Ngubani lo myeni ekufanele ayekwe azonwabele? (2)

2.2.5 Cacisa le ntetho ikrwelwe umgca ngaphantsi? (2)

2.2.6 Yintoni kanye le ifunwa ngulowo kuthethwa naye? (2)

2.2.7 UBhongo lo ngubani yena? (2)

2.2.8 Lisesiphi isigaba sentetho eli gama "xibilili" (1)

2.2.9 Sizathu sini esibangela ukuba uDlomo ANGAFUNI ukwahlukana nalo uthetha apha? (2)

2.2.10 Lo uthetha la mazwi ukweyiphi imeko ? (2)

2.2.11 Sizathu sini esibangela ukuba abe kule meko ? (2)

2.2.12 Ngubani umyeni wakhe? (1)

2.2.13 Ingaba lo uthetha la mazwi usenalo na uthando kulo athetha naye? (1)

2.2.14 Kukuthini ukuqhomfa? (2)

**MANQAKU ECANDELO B: [25]**

ICANDELO C

Phendula umbuzo ube mnye nakweli candelo:

**UMBUZO 3**
**INOVELI**

***Etshatile engatshatanga* – S.C. Satyo**

3.1 'Simeli asikuko nokuba ndiyamfuna umlingane ofana nawe, umlingane oliduna, amazwi eduna, umcebisi oliduna ..."

Khawubonakalise ubunzulu bale ntetho ingentla yale ntokazi yakuba iyifumene into ebiyifuna kwakunye nemizamo ephuhlisa oko. **[25]**

**OKANYE**

3.2 Funda ngocoselelo lo mhlathi ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Ngoko akakhange ahambe emrheletya. Zimfikele kakhulu neengcinga zokuba wobonwa njani na liqela asebenza nalo. Wee khinxi, zimfikele kunene neengcinga zokuba kazi uya kuba nakho na ukumelana nezinto eziza kuthandwa ngumntwana osemtsha, umntwana wasezidolophini lo gama yena selethe qabavu, abe wayekhulele emakhaya, abe kananjalo ethe ngenxa yomsebenzi wakhe kwafuneka eziphethe okomntu omdala kakhulu kunobudala bakhe. Ilamle kobo buthuba yona indalo ingamelwanga ngumtshini nje. Andimazi ukuba umfana ude walala nini na, yucu.

3.2.1 Nika igama lalo mntu uphethwe zezi ngcinga kulo mhlathi ungentla. (2)

3.2.2 Uphi lo mfo ngeli xesha lokucinga kwakhe? Nika igama lendawo (2)

| | | |
|---|---|---|
| 3.2.3 | Ngubani yena lo mntwana usemtsha? Liphi ikhaya lakhe? | (4) |
| 3.2.4 | Ezi ngcinga ziphethe lo mfo zivuswa leliphi iqhakuva? | (2) |
| 3.2.5 | Uyintoni owakhe umsebenzi lo mfo kwiqela asebenza nalo? | (2) |
| 3.2.6 | Khetha izifanekisozwi zibe zibini kulo mhlathi ungentla. | (2) |
| 3.2.7 | Zeziphi ezi zinto zithandwa ngumntwana osemtsha acinga ngazo? | (2) |
| 3.2.8 | Nika igama lalo mntwana ogubungele iingcinga zalo mlinganiswa ungentla. | (1) |
| 3.2.9 | Nika igama lenkosikazi yalo uphethwe zezi ngcinga. | (2) |
| 3.3.10 | Kukuthini ukurheletya? | (2) |
| 3.3.11 | Sibe njani isiphelo salo mfo ucinga apha nomntwana wasedolophini? | (2) |
| 3.3.12 | Nika isizathu sempendulo yombuzo 3.3.11. | (2) |
| | **AMANQAKU ECANDELO C:** | **[25]** |
| | **AMANQAKU EWONKE:** | **75** |

**ISIPHELO**